Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

# NATIONAL
# SENIOR CERTIFICATE

# IBANGA 12

# SEPTEMBA 2022

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)
# IPHEPHA LESIBINI (P2)
# ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

**AMANQAKU: 70**

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-16.

## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

## ICANDELO A: INOVELI

## UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – K.S. BONGELA

## ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 UYolisa ngudadobawo kaNomakhwezi. ✓ (1)

1.1.2 '… mikhwa' … ✓✓ (2)

1.1.3 (a) Kunjalo kuba wayethetha nakanjani ethetha ngokungenantlonipho kuYolisa/ Xa ethetha ngomyeni wakhe ude athi, "akazokugezelwa yinja yena." ✓✓ (2)

(b) Kumfake engxakini yokusoloko esilwa nomyeni wakhe/ngokuthi umtshato wakhe ube krakra. ✓ (1)

1.1.4 Umcengile/emthomalalisa ✓ (1)

1.1.5 Saphumelela ✓ ngokuba waphela etyoboza iifestile zemoto yomsebenzi kaLungile. ✓ (2)

1.1.6 Kunjalo kuba kukhankanywe ingqesho kaLungile. ✓✓ (2)

1.1.7 (a) iii ✓/iii sisihobe ✓/ sisihobe. ✓

(b) (iv) ✓/ ibali elifutshane ✓/ ibali elifutshane. ✓

(c) (i) ✓/(i) yidrama ✓/yidrama ✓ (3)

1.1.8 Ngokuthi kutsho kuvele uThamsanqa othatha indawo yakhe ekukhuliseni uMpumelelo. ✓✓ (2)

1.1.9 Kukunyamezela ✓✓/ kukuthembeka ✓✓ (2)

**KUNYE**

## ISICATSHULWA B

1.2 1.2.1 Yeyokuba afumane ivenkile yakwaNtsibande akholelwa ukuba ililifa lakwaMakhwetshu. ✓✓ (2)

1.2.2 Kungokuba wayekholelwa ukuba uMosia wayeyifumene ngamaqhinga kuba waseza uSondlo utywala ngoko wayengekho zingqondweni ngexesha enikezela ngevenkile. ✓✓ (2)

1.2.3 Uthi xa ethetha nayo, 'abanye abantu abamathanga njengawe lo.'✓✓ (2)

1.2.4 Kungokuba wayesithi le venkile yathengwa ngomgunyathi. ✓✓ (2)

1.2.5 Ongaphandle ✓ kuba ubona konke okuqhubeka ebalini. ✓✓ (3)

1.2.6 (a) UNomakhwezi watyoboza imoto yomsebenzi kaLungile. ✓
(b) UMpumelelo wandisa isibhedlele eLusikisiki. ✓ (2)

1.2.7 Ngumxholwana wobugebenga. ✓✓ (2)

1.2.8 Yeyokuthunga ibali iliqhube libheke phambili ✓✓/ inika ibali amandla okuba liqhubeke libheke phambili. ✓✓ (2)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

**OKANYE**

## UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – P.M. NGANI

### ISICATSHULWA C

2.1 2.1.1 Bayathandana ✓/uEddie wayesisithandwa sikaLinda. ✓ (1)

2.1.2 '… ngephanyazo '✓✓ (2)

2.1.3 (a) Kunjalo kuba wayalela amapolisa esithi, 'Ndifuna omnye wenu andikhaphe xa ndingenayo ngaphakathi. ✓✓ (2)

(b) Kumenze ukuba abe nomonde aphengulule iileta ade afumane kanye le leta yayibophelela uLinda njengombulali. ✓ (1)

2.1.4 Ekhangela engashiyi nanye indawo. ✓/ephica engashiyi nanye into. ✓ (1)

2.1.5 Waphumelela kuba ekugqibeleni uHlobo wafumana ulwazi ngeTape recorder eyayineenkcukacha ngamalungu aseMoonglow athe kanti ngabo ababulele uEddie noLulama, olo lwazi lwamnceda ukuba kubanjwe abona babulali. ✓✓ (2)

2.1.6 Kukula maxesha okhanyo kuba kuthethwa ngobukho bee-ofisi kwisicatshulwa. ✓✓ (2)

2.1.7 (a) iii ✓/iii sisihobe ✓/ sisihobe. ✓

(b) (iv) ✓/ libali elifutshane ✓/ ibali elifutshane. ✓

(c) (i) ✓/ /(i) yidrama ✓/// yidrama ✓ (3)

2.1.8 Ngokuthi kudule ubugewu obuqhutywa ngamalungu *aseMoonglow Night Club.* ✓✓/ ngokuthi kuvele ukusebenzisana kwamalungu aseMoonglow nabathengisi bentsangu amaMpondo. ✓✓ (2)

2.1.9 Kukubanesibindi ✓✓/ kukunyamezela ✓✓ kukuncekelela ✓✓/ kukuthanda umsebenzi wakhe. ✓✓ (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA D**

2.2 2.2.1 Yeyokutyholwa nguMdoda olilungu laseMoonglow efuna ukuba inkundla imbone njengoyena mbulali kaEddie. ✓✓ (2)

2.2.2 Kukunika ubungqina kuphando lwetyala lokubulawa kukaEddie. ✓✓ (2)

2.2.3 Ngokuthi athi xa ethetha ngoLinda athi 'Kunokwenzeka ke ngoko ukuba ummangalelwa waqhutywa bubukhwele kwisenzo atyholwa ngaso.' ✓✓ (2)

2.2.4 Kungokuba uHlobo wayefumene obunye ubungqina esaqhubeka nophando ngoko ke wayesalandela iinkcukacha awayezivile zokuba kukho iTape Recorder eselugcinweni. ✓✓ (2)

2.2.5 Ongaphandle ✓ kuba uvelele konke okuqhubeka ebalini. ✓✓ (3)

2.2.6 (a) UThembisa Ntlokonkulu wahambela kwisikhululo samapolisa. ✓

(b) UHlobo waya e*Femina House* ukuya kubuza malunga *nemink coat*. ✓ (2)

2.2.7 Ngowobugewu ✓✓/ ngowokunyoluka ✓✓/ ngowobukrelemnqa. ✓✓ (2)

2.2.8 Yeyokuthunga ibali iliqhube libheke phambili ✓✓/ inika ibali amandla okuba liqhubeke libheke phambili. ✓✓ (2)

**[35]**

**AMANQAKU EWONKE: 35**

**OKANYE**

**UMBUZO 3**

**UMONWABISI: ZAMA A. JAPHTA**

**ISICATSHULWA E**

3.1 3.1.1 UMonwabisi ngumntwana owakhuliswa nguThandabantu emva kokuswelekelwa ngunina owayesisimumu. ✓ (1)

3.1.2 '… mvuzemvuze …' ✓✓ (2)

3.1.3 (a) Kutshiwo kwisicatshulwa ukuba abantwana bakaThandabantu babesoloko benesikhalazo sokuba yena uMonwabisi uthandwa ngokugqitha bona nguyise. ✓✓ (2)

(b) Ngokuthi akubamdala ibenguye owongamela amashishini kaThandabantu ✓/ kumncede ngokuba afunde ngoshishino apho ephela enolwazi lokongamela amashishini kaThandabantu ngempumelelo. ✓ (1)

3.1.4 Bevalelwa nguMonwabisi kwisithuba sokufumana uthando ✓/ bathathelwa uthando lwabo nguMonwabisi. ✓ (1)

3.1.5 Awuzange uphumelele kuba uMonwabisi waphela enikwa amashishini kaThandabantu ukuba awalawule. ✓✓ (2)

3.1.6 Kunjalo kuba kuthethwa ngobukho bevenkile. ✓✓ (2)

3.1.7 (a) iii ✓/iii sisihobe ✓/ sisihobe ✓

(b) (iv) ✓/ ibali elifutshane ✓/ ibali elifutshane ✓

(c) (i) ✓/(i) yidrama ✓// yidrama ✓ (3)

3.1.8 Ngokuthi kushiyeke uMonwabisi yedwa njengonyana kaThandabantu ukuze akwazi ukufumana ithuba lokuphatha amashishini kaThandabantu. ✓✓ (2)

3.1.9 Kukunyamezela ✓✓/ kukubanomonde ✓✓ (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA F**

3.2 3.2.1 Yeyokujikelwa ngabasebenzi babo bababele imali yevenkile. ✓✓ (2)

3.2.2 Kukuba wayemthembile ukuba uza kwenza ngohlobo athanda ngalo umyeni wakhe. ✓✓ (2)

3.2.3 Kunjalo kuba kutshiwo kwisicatshulwa ukuba ‘kuye umsebenzi wayengumsebenzi qha qwaba, hayi enye into ✓✓/ Kwakufanelekile kuye, ukuba umsebenzi ayazi indawo yakhe’. ✓✓ (2)

3.2.4 Kungokuba uThandabantu noMamTolo bebesiya kuhlala edolophini. ✓✓ (2)

3.2.5 Ongaphandle ✓ kuba uvelele konke okuqhubeka ebalini. ✓✓ (3)

3.2.6 (a) UGcinumzi wafumana ingozi yebhasi wabhubha. ✓

(d) UMonwabisi wamkela uxanduva lokongamela amashishini kaThandabantu. ✓ (2)

3.2.7 Ngowokunganyaniseki. ✓✓ (2)

3.2.8 Yeyokuthunga ibali iliqhube libheke phambili ✓✓/ inika ibali amandla okuba liqhubeke libheke phambili. ✓✓ (2)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

**OKANYE**

## ICANDELO B: IDRAMA

## UMBUZO 4: NDIYEKENI: D.M. JONGILANGA

### ISICATSHULWA G

4.1 4.1.1 UMasango yinkosikazi kaMadala. ✓ (1)

4.1.2 '… intsusa-mabandla ...' ✓✓ (2)

4.1.3 (a) Kunjalo kuba utshilo uNdila esithi, Kudala undinyula ezinyuleni '✓✓ (2)

(b) Uye waphulukana/ waphelelwa ngumsebenzi ✓/ wagxothwa emsebenzini. ✓ (1)

4.1.4 Ingathi ingxaki ijongene naye. ✓ (1)

4.1.5 Awuzange uphumelele kuba waphela egxothwa engasenguye utitshala waseNobutho. ✓✓ (2)

4.1.6 Kunjalo kuba kuthethwa ngobukho besikolo. ✓✓ (2)

4.1.7 (a) iii ✓/iii sisihobe ✓/ sisisihobe ✓

(b) (iv) ✓/ ibali elifutshane ✓/ ibali elifutshane ✓

(c) (i) ✓/(i) yidrama ✓// yidrama ✓ (3)

4.1.8 Ngokuthi kuvele uMaziko othe kanti ehleli nje ebefuna isikhundla sobunqununu eNobutho. ✓✓ (2)

4.1.9 Kukuthanda utywala namabhinqa. ✓✓ (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA H**

4.2 4.2.1 Kukwahlukana nesithandwa sakhe uZanele. ✓✓ (2)

4.2.2 Sesokuba uZanele umele ahlawule imali kwaFuneka kuba wayehlala khona ngoko ke uFuneka usoloko efuna indoda ekhupha imali. ✓✓ (2)

4.2.3 UZanele ude wabuza esithi,' Kodwa ndingathini ukumenza loo nto uMawonga?' ✓✓ (2)

4.2.4 Kungokuba wayeqinisekiswe ziiveki ezintlanu ezigqithileyo ebonile ukuba akukho mali ayikhuphayo ngoko ke wayengenakubasayikhupha ngolu suku ✓✓/ wayeqinisekiswe zizihlandlo ezihlanu kuloo veki bemondla engatsitsi nto. ✓✓ (2)

4.2.5 Ongaphandle ✓ kuba uvelele konke okuqhubeka ebalini. ✓✓ (3)

4.2.6 (a) UZanele wahlangana noMawonga ethekweni bathandana. ✓

(d) UMaziko waya kwaMadala eye kuthetha ngoLoni ochitha Isikolo. ✓ (2)

4.2.7 Ngowokunyoluka. ✓✓ (2)

4.2.8 Yeyokuthunga ibali iliqhube libheke phambili ✓✓/ inika ibali amandla okuba liqhubeke libheke phambili. ✓✓ (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

**OKANYE**

**UMBUZO 5: INZALA YAMARHAMBA: M. MLOKOTI**

**ISICATSHULWA I**

5.1 5.1.1 UNtomboxolo ngumntwana kaNcaphayi ✓/ yintombi encinci kaNcaphayi. (1)

5.1.2 '... ezingxangxasini ...' ✓✓ (2)

5.1.3 (a) Kunjalo kuba wayengathethi namntu asuke amke ngorhatya abuye ezinzulwini zobusuku engaziwa ukuba uvelaphi. ✓✓ (2)

(b) Kubangele ukuba azilwele kuThambolenyoka ade abanjwe agwetywe ✓/ ubenenzondo ngakuThambolenyoka edale ukuba aziphindezele de abe uyabanjwa agwetywe iminyaka engama-25. ✓ (1)

5.1.4 Uya emsebenzini ✓/ uya kuphangela. ✓ (1)

5.1.5 Awuzange uphumelele kuba uDina waqhubeka ehamba abuye ngobusuku waphela elotywa nguNoyongo wabalixhoba likaThambolenyoka. ✓✓ (2)

5.1.6 Kunjalo kuba kuthethwa ngobukho bukagqirha. ✓✓ (2)

5.1.7 (a) iii ✓/iii sisihobe ✓/ sisisihobe. ✓

(b) (iv) ✓/ ibali elifutshane ✓/ ibali elifutshane ✓

(c) (i) ✓/(i) yidrama ✓// yidrama ✓ (3)

5.1.8 Ngokuthi kubelula ukusondeza uThambolenyoka ukuze abanjwe agwetywe ✓✓/ngokuthi kubelula ukufumaneka kobungqina ngoshishino lukaThambolenyoka ade afumaneke abanjwe agwetywe. ✓✓ (2)

5.1.9 Kukunyolukela imali. ✓✓ (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA J**

5.2 5.2.1 Kukufumanisa ukuba kuyaswelekwa ngabasebenzi bakhe naye ngoku usexhaleni lokuba angasuka alandele ✓✓/ kukufumanisa ukuba abasebenzi bakhe basweleka ngohlobo olunye kwaye bayalandelelana naye unexhala lokufa.✓ ✓ (2)

5.2.2 Kungokuba wayenesikrokro sokuba kungenzeka asikokufa kwabantu abaphakwa inkunzi oku kuqhubekayo koko licebo elicacileyo ukuba liza nakuye. ✓✓ (2)

5.2.3 UNoyongo umxelele uThambolenyoka ukuba uyabakhathaza esithi, 'uthi sisazama ukusebenzisana nawe usihwahwe ngolu hlobo. Usebenzise amazwi abukhali nahlabayo, usaphule iintliziyo.' ✓✓ (2)

5.2.4 Kungokuba wayesele efumene amacebo kuGxalaba ngoko ke wayefanele ukuqiniseka. ✓✓ (2)

5.2.5 Ongaphandle ✓ kuba uvelele konke okuqhubeka ebalini. ✓✓ (3)

5.2.6 (a) UDina wagoduka wayokucela uxolo kubazali bakhe.✓

(d) Amapolisa ambamba uNyoka amvalela. ✓ (2)

5.2.7 Ngowamandla omthetho ✓✓/ ubude bengalo yomthetho. ✓✓ (2)

5.2.8 Yeyokuthunga ibali iliqhube libheke phambili ✓✓/ inika ibali amandla okuba liqhubeke libheke phambili. ✓✓ (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

**OKANYE**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

## UMBUZO 6: IKHIKHIZELA LASEDANGWANA – LL NGEWU OKANYE E.Z GUQA

## ISICATSHULWA K

## 'UMNTU AKALAHLWA' – L.L. NGEWU

6.1 6.1.1 UMaMthi yinkosikazi kaMathidala. ✓ (1)

6.1.2 '… nokuhleleleka …'.✓✓ (2)

6.1.3 (a) Kuthiwa wayibetha intombi yakhe ekhulelweyo 'yalutywantsi'. ✓✓ (2)

(b) Waphoswa kukubanobudlelwane neentombi zakhe azamhoya sele esengxakini. ✓ (1)

6.1.4 Akafumana nkcukacha ✓/ wabuya ze engayifumananga loo nto wayeyifuna. ✓ (1)

6.1.5 Akazange aphumelele kuba iintombi zakhe zabuya inguye ohluphekayo njengoko yena wayecinge ukuba zizo ezazizakuhlupheka. ✓✓ (2)

6.1.6 Kukula maxesha okhanyo kuba kuthethwa ngobukho besikolo. ✓✓ (2)

6.1.7 (a) iii ✓/iii sisihobe ✓/ sisisihobe.✓
(b) (iv) ✓/ ibali elifutshane ✓/ibali elifutshane ✓
(c) (i) ✓/(i) yidrama ✓// yidrama ✓ (3)

6.1.8 Ngokuthi akwazi ukuthatha oodadewabo abancede ngethuba nabo bekhulelwe bada babeleka ✓✓/ ngokuthi akwazi ukuthatha oodadewabo abancede bakwazi nokuya esikolweni. ✓✓ (2)

6.1.9 Yinkohlakalo. ✓✓ (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA L**

**NDAKUYICELA IVUTHIWE – EZ GUQA**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 6.2 | 6.2.1 | Yeyokuhamba kwenkosikazi yakhe apho ithanda khona. ✓✓ | (2) |
| | 6.2.2 | Kukuba uMaVumisa wayesela kakhulu utywala abuye ngorhatya angxole. ✓✓ | (2) |
| | 6.2.3 | Kuthiwa wahamba wanonyawo lwemfene. ✓✓ | (2) |
| | 6.2.4 | Kungokuba uQolwana wayezizekele yedwa lo mfazi engazange awafake amawabo kumcimbi welobola. ✓✓ | (2) |
| | 6.2.5 | Ongaphandle ✓ kuba uvelele konke okuqhubeka ebalini. ✓✓ | (3) |
| | 6.2.6 | (a) UMaVumisa wendisa uNokwanda. ✓ | |
| | | (b) UQolwana uzilobolela umfazi. ✓ | (2) |
| | 6.2.7 | Ngowokuzisola. ✓✓ | (2) |
| | 6.2.8 | Yeyokuthunga ibali iliqhube libheke phambili ✓✓/ inika ibali amandla okuba liqhubeke libheke phambili. ✓ | (2) **[35]** |

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

**OKANYE**

## ICANDELO D: ISIHOBE

## UMBUZO 7: IVAMNA BAFAZI BOLUSU – S Maputi nabanye

### 7.1 'UMNQAYI – S. Maputi

7.1.1 Awubethi ✓/awulalisa ✓/awuqoqwa. ✓

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

7.1.2 Ukuqaqambisa ubunyulu bale ntonga ingumnqayi njengentonga ekhethekileyo engafani nezinye iintonga ngemisebenzi yayo ✓✓ /ugxininisa ukubaluleka komnqayi. ✓✓ (2)

7.1.3 Kukudala undindwano/isingqisho sombongo. ✓✓ (2)

7.1.4 Isithozela ✓/ukuhlonipheka ✓ (1)

7.1.5 Umnqayi ubalulekile kubomi bamakrwala kuba athweswa ngawo ukwangumqondiso wobudoda, ukuxabiseka nokuhlonipheka kwawo xa engena ebudodeni atsho afaneleke kwangawo. ✓✓ (2)

7.1.6 Isitanza sesi-4 sinemiqolo emi-6 kanti esesi-5 sinemiqolo emi-4. ✓✓ (2)

7.1.7 Yonwabile ✓ kuba isebenzisa isigama esincomayo esinjengo … ''usikelelekile' 'uthamsanqalekile' 'undilisekile'. ✓ (2)

7.1.8 Ngumbongo-nkcazo ✓ kuba uchaza iimpawu nemisebenzi yomnqayi. ✓ (2)

7.1.9 Luyitshintshile kuba umnqayi bendingawazi ukuba yinduku enqabileyo nebalulekileyo kwaXhosa. ✓✓✓

**OKANYE**

Aluyitshintshanga koko lubethelele iziseko zokubaluleka komnqayi kubomi bomXhosa. ✓✓✓

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (3)

**KUNYE**

**UMBUZO 7.2: UNJINGALWAZI P.T. MTUZE**

7.2 7.2.1 (a) Siqala ngesikhahlelo, Aa! ✓

(b) Imiqolo yezitanza ayilingani. ✓ (2)

7.2.2 Ngowomntu ofundileyo othwele izidanga. ✓✓ (2)

7.2.3 E-UNISA ✓
E-Rhodes ✓
E-Kapa ✓ (3)

7.2.4 Kuthiwa wayefunda ngekhandlela. ✓✓ (2)

7.2.5 KuNjingalwazi P.T. Mtuze. ✓✓ (2)

7.2.6 Ngowokuncoma indlela ende ayihambileyo uNjingalwazi ✓✓ (2)

7.2.7 Owokuba umntu makasebenze kakuhle ukuze aziwe ngemisebenzi yakhe emihle ✓✓✓/ ukubaluleka kwemfundo nokuba ngumntu ofundileyo owaziwa ngempumelelo ezifundweni zakhe. ✓✓✓ (3)

7.2.8 Ngu Z. Mtumane. ✓ (1)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**